Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

Iphondo leMpuma Kapa: Isebe leMfundo
Provinsie van die Oos Kaap: Department van Onderwys
Porafensie Ya Kapa Botjahabela: Lefapha la Thuto

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

SEPTEMBA 2026

ISIFUNDO SEZEMBALI P2

AMANQAKU: **150**

IXESHA: **3 iiyure**

Eli phepha lemibuzo linamaphepha asi-9 kunye nesihlomelo esinamaphepha ali-14.

Free past papers & memos at studypapers.co.za

IMIYALELO NEENKCUKACHA

1. Eli phepha lemibuzo lineCANDELO A neCANDELO B ngokusekwe kwisikhokelo esimiselwe yiCAPS.

ICANDELO A: IMIBUZO ENGEMITHOMBO

UMBUZO 1: UQHANKQALAZO LOLUNTU, KOO1970 UKUYA KOO1980: ESOUTH AFRICA

UMBUZO 2: UKUFIKA KWEDEMOCRACY ESOUTH AFRICA NOKWAMKELA OKWADLULAYO

UMBUZO 3: UKUPHELA KWECOLD WAR NENKQUBO YEHLABATHI ENTSHA, NGO 1989 UKUZA KUTSHO NGOKU

ICANDELO B IZINCOKO

UMBUZO 4: UQHANKQALAZO LOLUNTU, KOO1970 UKUYA KOO1980: ESOUTH AFRICA: INTLEKELE YEAPARTHEID NGEMINYAKA YOO 1980

UMBUZO 5: UKUFIKA KWEDEMOCRACY ESOUTH AFRICA NOKWAMKELA OKWADLULAYO

UMBUZO 6: UKUPHELA KWECOLD WAR NENKQUBO YEHLABATHI ENTSHA UKUZA KUTSHO NGOKU

2. ICANDELO A linemibuzo emithathu esekwe kwimithombo.Imathiriyeli efunekayo ukuphendula le mithombo ingafumaneka kwiSIHLOMELO.

3. ICANDELO B linemibuzo EMITHATHU ezizincoko.

4. Phendula imibuzo EMITHATHU ngolu hlobo:

   4.1 Ubuncinane umbuzo OMNYE kufuneka ube ngosekelwe kumthombo ze OMNYE ube sisincoko.

   4.2 Umbuzo WESITHATHU unokuba ngumbuzo osekelwe kumthombo okanye isincoko.

5. Uyacetyiswa ukuba uchithe ubuncinane iyure ENYE kumbuzo ngamnye.

6. Xa uphendula imibuzo, sebenzisa ulwazi, isakhono nokuqonda kwakho.

7. Uya kuvinjwa amanqaku ngokukhuphela imithombo yolwazi njengeempendulo.

8. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngokwenkqubo yokunombola esetyenziswe kwiphepha lemibuzo.

9. Bhala cocekileyo nangokucacileyo.

Free past papers & memos at studypapers.co.za

ICANDELO A: IMIBUZO ESEKELEZWE KWIMITHOMBO

Phendula ubuncinane umbuzo ube MNYE, kodwa ungadluli kwimibuzo EMIBINI kweli CANDELO.Imathiriyeli eza kusetyenziswa ekuphenduleni le mibuzo iqulethwe KWISIHLOMELO.

UMBUZO 1: IMASS DEMOCRATIC MOVEMENT (MDM) YAYICELA UMNGENI NJANI IMITHETHO YOCALUCALULO YORHULUMENTE WEAPARTHEID KWIMINYAKA YOO1980?

Funda iMithombo 1A, 1B, 1C no 1D uze uphendule imibuzo elandelayo.

1.1 Jonga uMthombo 1A.

1.1.1 Chaza igama elithi *anti-apartheid groups* ngamazwi akho. (1 x 2) (2)

1.1.2 Ngowuphi umbutho, ngokomthombo, owasekwa njengelandela le United Democratic Front (UDF) elichasene neapartheid? (1 x 2) (2)

1.1.3 Ngokwalo komthombo, yintoni eyayilindelwe yiUDF kwi MDM? (2 x 1) (2)

1.1.4 Phawula ngentsingiselo yale ngxelo: ‘umqathango wokuzibandakanya neMDM yayikukuthobela imimiselo yeFreedom Charter yeANC’, kwimeko yomzabalazo ochasene neapartheid. (2 x 2) (4)

1.2 Sebenzisa uMthombo 1B.

1.2.1 Cacisa imiyalezo equlethwe yile foto malunga nephulo leMDM lokuchasa ucalucalulo elibizwa ngokuba yi‘Open Hospital’. (2 x 2) (4)

1.2.2 Phawula ngobume bobuhlanga babaqhankqalazi abathatha inxaxheba kweli phulo. (1 x 2) (2)

1.3. Jonga imithombo 1A no1B. Chaza ukuba ulwazi olukuMthombo 1A lubuxhasa njani ubungqina obukuMthombo 1B malunga namaphulo okuchasa aququzelelwa yiMDM ukuchasa imithetho yocalucalulo ngo1989. (2 x 2) (4)

Free past papers & memos at studypapers.co.za

1.4 Sebenzisa uMthombo 1C.

1.4.1 Chonga iinkokeli EZIMBINI ezaziza kukhokela uqhankqalazo oluya ePalamente ngomhla we13 kuSeptemba ngo1989. (2 x 1) (2)

1.4.2 Cacisa ukuba uTutu wayethetha ukuthini ngamazwi athi: 'Ishumi elinesihlanu yimassacre ... nokuba sijonga nje amanani abo, lihlazo', xa kujongwa indlela amapolisa asabela ngayo kubaqhankqalazi. (2 x 2) (4)

1.4.3 Kutheni, ngokwalo mthombo, uDe Klerk wavumela umngcelele ukuba uqhubeke? (1 x 1) (1)

1.4.4 Cacisa ukuba uDe Klerk wayethetha ukuthini ngale ntetho yakhe: 'Ucango oluya kwi South Africa entsha luvuliwe. Akukho mfuneko yokulophula' (1 x 2) (2)

1.4.5 Phawula ngoncedo lwalo mthombo kumphandi ophonononga iziganeko ezenzeka ngexesha lomngcelele onoxolo owawusiya eCape Town City Hall ngomhla we13 kuSeptemba ngo1989. (2 x 2) (4)

1.5 Funda uMthombo 1D.

1.5.1 Nika iindlela EZINTATHU amapolisa aqubisana ngazo neenkokeli ze-MDM nabaqhankqalazi abophula imiyalelo yezithintelo (3 x 1) (3)

1.5.2 Cacisa igama elithi *defiance campaign* ngokubhekiselele kwiziganeko ezaziququzelelwa yiMDM ngoSeptemba ka1989. (1 x 2) (2)

1.5.3 Caphula ubungqina obuvela kumthombo obubonisa ukuba amapolisa awasebenzisa ngendlela engeyiyo amagunya awo eMitchell's Plain ngomhla we 2 Septemba. (1 x 2) (2)

1.5.4 Ucinga ukuba kutheni uLieutenant Gregory Rockman wathi abasebenza naye baziphatha njenge-'zinja zasendle ezineemvakalelo zokubulala'? (1 x 2) (2)

1.6 Usebenzisa ulwazi olukwimithombo echaphazelekayo nolwazi lwakho, bhala umhlathi omigca ESIBHOZO (malunga namagama angama80) ucacisa ukuba iMass Democratic Movement (MDM) yayicela umngeni njani imithetho yocalucalulo yorhulumente weApartheid kwiminyaka yoo1980. (8)

[50]

Free past papers & memos at studypapers.co.za

UMBUZO 2: ITRUTH AND RECONCILIATION COMMISSION (TRC) YAJONGANA NJANI NOKUBULAWA KWE PEBCO THREE?

Funda iMithombo 2A, 2B, 2C no 2D uze uphendule imibuzo elandelayo.

2.1 Funda uMthombo 2A.

2.1.1 Ngokwalo mthombo, zazisithini iinjongo eziphambili zokusekwa kwePort Elizabeth Black Civic Organisation (PEBCO)? (1 x 1) (1)

2.1.2 Chonga izenzo EZIMBINI zoqhankqalazo ezikumthombo, apho iPEBCO njengombutho onxulumene neUDF yathatha inxaxheba kuzo ukuchasa iimveliso ezithile. (2 x 1) (2)

2.1.3 Ngokwalo mthombo, yayisithini imfundiso ephambili yezopolitiko yeANC? (1 x 2) (2)

2.1.4 Ucinga ukuba amapolisa ayenathemba lakufezekisa ntoni ngokuthumba iPEBCO Three? (2 x 2) (4)

2.2 Jonga uMthombo 2B.

2.2.1 Ucinga ukuba kwakutheni ukuze eli nqaku lipapashwe kwiphepha elingaphambili le*Cape Times* ngoMay ka1985? (2 x 2) (4)

2.2.2 Lithetha ukuthini eli binzana: '… zona (izalamane) zazingazukuyeka ukukhangela la madoda de ziwafumane – nokuba afile okanye asaphila' xa kujongwa imeko yokunyamalala kwamadoda ePEBCO? (2 x 2) (4)

2.3 Jonga iMithombo 2A no2B. Cacisa indlela ulwazi olukumthombo u-2A olubuxhasa ngayo ubungqina obukumthombo 2B malunga nokunyamalala kwePEBCO Three. (2 x 2) (4)

2.4 Sebenzisa uMthombo 2C.

2.4.1 Chaza ikonsepthi ethi *Askari* ngamazwi akho (1 x 2) (2)

2.4.2 Kwakutheni, ngokwalo mthombo, ukuze uMamasela athunywe ukusuka eVlakplaas aye e Port Elizabeth? (1 x 1) (1)

2.4.3 Ucinga ukuba kwakutheni amapolisa ayesoja inyama xa encina amatshantliziyo? (1 x 2) (2)

2.4.4. Phawula ngokuthembeka kwalo mthombo kumbhalimbali ofunda ngenkqubo yeamnesty yeTRC. (2 x 2) (4)

2.4.5 Ngokwalo mthombo, uGalela wabethwa njani? (2 x 1) (2)

Free past papers & memos at studypapers.co.za

2.5 Funda uMthombo 2D.

2.5.1 Ngokwalo mthombo, zathunjwa phi iinkokeli zoluntu ezintathu? (1 x 1) (1)

2.5.2 Usebenzisa umthombo nolwazi lwakho, cacisa ukuba kwakutheni ukuze i TRC yalele iiperpetrators iamnesty . (2 x 2) (4)

2.5.3 Cacisa igama elithi *abduction* ngokubhekiselele kumanyathelo athathwa ngamapolisa okhuseleko ngokuchasene nePEBCO Three. (1 x 2) (2)

2.5.4 Chonga amapolisa ezokhuseleko angazange anikwe iamnesty yiTRC ngokuthunjwa ngenkani nokubulawa kweenkokeli ezintathu. (3 x 1) (3)

2.6 Usebenzisa ulwazi olukwimithombo echaphazelekayo nolwazi lwakho, bhala umhlathi omigca ESIBHOZO (malunga namagama angama80) ucacisa indlela iTruth and Reconciliation Commission (TRC) eyajongana ngayo nokubulawa kwePEBCO Three. (8)

[50]

Free past papers & memos at studypapers.co.za

UMBUZO 3: IGLOBALISATION ILUCHAPHAZELA NJANI UQOQOSHO LWAMAZWE APHUHLILEYO NALAWO ASAKHASAYO?

Funda iMithombo 3A, 3B, 3C no 3D uze uphendule imibuzo elandelayo.

3.1 Jonga uMthombo 3A.

3.1.1 Chonga iinjongo EZIMBINI zeglobalisation ezifumaneka kulo mthombo. (2 x 1) (2)

3.1.2 Phawula ngentsingiselo yale ngxelo: 'Le ndlela yokujongana nokhuphiswano ifumaneka ngokwahlukaniswa kwezibonelelo, ukudalwa kwamathuba amatsha otyalomali ngokuvula iimarike ezongezelelweyo nokufikelela kwi raw materials nezibonelelo ezitsha.' (2 x 2) (4)

3.1.3. Dwelisa iindlela EZINTATHU ezikumthombo, ezibonisa indlela ukwahlukaniswa kwezibonelelo okomeleza ngayo amaziko. (3 x 1) (3)

3.1.4 Chonga kumthombo naliphi ilizwe eliphambili eliphuhlise amashishini. (1 x 1) (1)

3.2 Jonga uMthombo 3B.

3.2.1 Ngokwalo mthombo, zazisithini iziphumo zeglobalisation? (2 x 1) (2)

3.2.2 Chaza gama elithi *developed countries* ngamazwi akho. (1 x 2) (2)

3.2.3 Ngokwalo mthombo, yeyiphi indima yeeLEDC kwimarike yehlabathi? (2 x 1) (2)

3.2.4 Usebenzisa ulwazi oluvela kumthombo nolwazi lwakho, phawula ukuba kutheni kungekho siqinisekiso sokuba ubutyebi obuvela kutyalomali lwangaphakathi buza kuba luncedo kuluntu lwasekuhlaleni. (2 x 2) (4)

3.3 Sebenzisa uMthombo 3C.

3.3.1 Chaza intsingiselo yomfuziselo wabalawuli okanye iinkokeli zeWorld Trade Organisation. (2 x 2) (4)

3.3.2 Ucinga ukuba intetho ethi, 'NAMAZWE AHLUPHEKILEYO AYAFUNA ABANTU BAWO ABAZIZITYEBI BABE ZIZITYEBI NGAKUMBI,' ithetha ukuthini? (2 x 2) (4)

3.4 Thelekisa umthombo 3B no3C. Cacisa indlela ubungqina obukumthombo 3C obuxhasa ngayo ulwazi olukumthombo 3B malunga negalelo lamazwe aphuhlileyo ekukhuleni koqoqosho lwehlabathi. (2 x 2) (4)

Free past papers & memos at studypapers.co.za

3.5 Sebenzisa uMthombo 3D.

3.5.1 Cacisa igama *multinational corporations* ngokubhekiselele kwindima yeMNC kumazwe aphuhlileyo okanye asakhasayo. (2)

3.5.2 Ucinga ukuba kuthetha ukuthini ukuthi: 'Imisebenzi yaseAmerica ezizigidi ezili14 yayinokuba semngciphekweni kwishumi leminyaka elizayo.'? (1 x 2) (2)

3.5.3 Ngokwalo mthombo, kutheni bekukho abantu ababechasene nokudluliselwa kwemisebenzi kumazwe angaphandle? (2 x 1) (2)

3.5.4 Phawula ngentsilelo yalo mthombo kumbhalimbali ofunda ngempembelelo yemultinalional corporations kumazwe ahluphekileyo okanye asakhasayo. (2 x 2) (4)

3.6 Usebenzisa ulwazi olukwimithombo echaphazelekayo nolwazi lwakho, bhala umhlathi omigca ESIBHOZO (malunga namagama angama80) ucacisa ukuba iglobalisation iluchaphazela njani uqoqosho lwamazwe aphuhlileyo nalawo asakhasayo . (8)

[50]

Free past papers & memos at studypapers.co.za

ICANDELO B: IMIBUZO EZIZINCOKO

Phendula, ubuncinane umbuzo ube MNYE kweli candelo kodwa ungadluli KWEMIBINI

Isincoko sakho masibe malunga namaphepha AMATHATHU ubude .

UMBUZO 4: UQHANKQALAZO LOLUNTU KOO1970 UKUYA KOO1980: ESOUTH AFRICA: INTLEKELE YEAPARTHEID NGEMINYAKA YOO1980

IBlack Consciousness Movement yayikholelwa ukuba abantu abantsundu kufuneka bazikhulule ngokwengqondo baze bazixhase ngokwabo kumzabalazo wabo wokuchasa urhulumente weapartheid ukususela kwiminyaka yoo1960 ukuya kweyoo1970.

Uyavumelana nale nkcazo? Xhasa ingxam yengxoxo yakho ngokusebenzisa ubungqina obufanelekileyo. **[50]**

UMBUZO 5: UKUFIKA KWEDEMOCRACY ESOUTH AFRICA NOKWAMKELA OKWADLULAYO

Indlela eya kwidemocracy yaphawulwa kukuvela rhoqo kobundlobongela nongquzulwano, ezingazange ziphumelele ekuthinteleni unyulo lokuqala lwedemocracy eSouth Africa ngo1994.

Xoxa nzulu ngale nkcaza. Sebenzisa ubungqina obufanelekileyo ukuxhasa ingxoxo yakho. **[50]**

UMBUZO 6: UKUPHELA KWECOLD WAR NOCWANGCISO LWEHLABATHI OLUTSHA

Cacisa ukuba iinguqu zikaGorbachev eSoviet Union phakathi kweminyaka yoo-1980 zibe nempembelelo engakanani na kuFW de Klerk ekuziseni iinguqu zezopolitiko ezavula indlela yeengxoxo zokusekwa kweSouth Africa edemocratic.

Sebenzisa ubungqina obufanelekileyo ukuxhasa ingxam yengxoxo yakho. **[50]**

AMANQAKU EWONKE: 150

Free past papers & memos at studypapers.co.za